

- Ilungelo loku phila kwindawo ephiphileyo nokuziqhelanisa nezethu iinguquko.

3. Ukuthata inxaxheba:

- ilungelo loku sebenza nokufumana umvuzo nokuthatha inxaxheba kwiziqhibo malunga nokudla umhlalaphantsi;
- Ilungelo nethuba lokufunda noludwe lwezifundo ekufundiswa kulo ngamanyathelo amisiweyo, isintu, ezika moya, indawo zolonwabo;
- Ilungelo lokufumana ulwazwi nokuthatha inxaxheba kwimplilo yalo ngingqi, uthatha izigqibo nokufikelela ibhunga lengingqi malunga nemicimbi echaphazela impilo zethu;
- Ilungelo lokumisa imibutho nokwabelana ngolwazi nobuchule kunye nolutsha;
- Ilungelo lokusebenzisa intetho yethu (kuquka nokuthetha ngezandla) nokuthatha inxaxheba kumasiko nezithethe esi wathandayo;
- Ithuba lokuncedisa ingingqi njengo nonibe kwizinto ezinomdla namava.

C. ILUNGELO LABANTU ABADALA LOKUHLALA KWINDOWO EZI NONCEDO

1. Inkathalo:

- Ilungelo lokufumana inkathalo nokunceda kuxhomekeke kwisidingo;
- Ilungelo lokukhathalelwa ngabantu abaqeqeshiweyo;
- Ilungelo lokunyangwa ngowethu ugqirha xa sinako.

2. Ummeli:

- Ilungelo lokuthethelelwa yikomiti yengingqi;

- Ilungelo lokuba nommeli azakusimela, xa kunemfuneko asimele ngaphandle kwentlawulo.

3. Ukuthata inxaxheba:

- Ilungelo lokutyelelwa lusapho nezihlobo;
- Ilungelo lokwaziswa malunga nemeko yezezimali kwindawo yoncedo no guqulo kuba phathi;
- Ilungelo lokuthatha inxaxheba kwezonzulo nemisebenzi eyahlukileyo engingini;

4. Intlonipho:

- Ilungelo lokufumana isaziso esaneleyo malunga nokutshintshelwa kwenye indawo okanye ukukhululwa ukuya ekhaya;
- Ilungelo kwimfihlelo nokuba no sebenzisa izinto zakho;
- Ilungelo lokuphathwa ngentlonipho ngabo basebenzayo nabo basemagunyeni maxesha onke.

5. Ukhuseleko:

- Ilungelo lokukhuselwa kuxhatshazo nobundlobongela;
- Ilungelo lokukhuselwa kwizinto eziyingozi emzimbeni ezifana nomlilo nezikhukhula.

QHAGAMSHELANA NATHI:



Western Cape
Older Person's
Forum
embracing the voice of the elderly

Western Cape Older Persons' Forum (WCOPF)

NPO 086-770 NPO

7th Floor, 36-On-Long
36 Long Street, Cape Town 8001
P.O. Box 3465, Cape Town 8000

Phone: (021) 422-4398;

Fax: (021) 424-5479

Email: info@wcofp.org.za

Iphepha lamalungelo abantu abolupheleyo eMzantsi Afrika

Iphepha lamalungelo abantu abolupheleyo e-Mzantsi Afrika lenzwa ngumbutho wabantu abolupheleyo base Mzantsi Afrika. Eliphepha lamalungelo lisekwe ngokwamava nezidingo zabantu abolupheleyo kuMzantsi Afrika uphela.



Eliphepha lamalungelo laa ndululwa ngumphathiswa kantlalo ntle nge-15 kuTshazimpunzi 2011.



INTSHAYELELO

- ❖ Thina, bahlali abadala base Mzantsi Afrika, sincedisile ekubhalweni kweliphepha lamalungelo. Singabona ke, abantu babekhathazekile ngenxa yokuxakeka kumaxesha adlulileyo. Injongo yeliphepha lamalungelo kuxhasa amalungelo nokuqinisekisa ukuba izizukulwana azinako ukucalucalulwa njengathi sahlupheka.
- ❖ Ngexesha localucalulo sasohlulwe ngombala nangamaqela. Ubuninzi bethu sasingavunyelwa ukuba sifunde, sifumane iinkonzo nokufumana imisebenzi endilisekileyo. Abaninzi basuswa ngenkani emakhaya abo. Sahlupheka kakhulu ilahleko nokuhlutshwa.
- ❖ Abanye bethu bayagula abanye bayimilwele kodwa sonke sinelungelo lokuphathwa ngentlonipho nokuba singaphinde sihlutshwe nokucalucalulwa. Sifuna isabelo ekwakheni uMzantsi Afrika okhululekileyo. Singamalungu asondelene nezinyanya. Sizintsika ezibalulekileyo zoluntu.
- ❖ Sicela bonke abantu baseMzantsi Afrika ukuba bazinikele ukukhusela nokuxhasa amalungelo awethu abalulekileyo abhaliweyo kumgaqo siseko saseMzantsi Afrika. Lama lungelo kumelekile ajongwe ngabantu bonke nabo bakuRhulumente, amaqela ezopolotiko, imibutho yolutsha, imibutho yabasebenzi, inkokheli zomthonyama neecawe.

A. AMALUNGELO ABANTU ABOLUPHELEYO BONKE

1. Ukulingana:

- Ilungelo lokulingana phambi komthetho;
- Ilungelo lokungacalulwa ngokuba umntu eluphele;
- Ilungelo lokufumana okona kulunga kwempilo entle.

2. Intlonipho:

- Ilungelo lentlonipho nokuhlonipha abanye;
- Ilungelo lobomi abubobakho nokuba namakhaya nezinto zakho zikhuseleke;
- Ilungelo lokuphathwa kakuhle nangendlela ehloniphekileyo ngamagosa akuRhulumente nabasebenzi bonke bomsebenzi othile abasincedayo;
- Ilungelo lokuhlonipha unqulo lwethu namasiko nesithethe zethu.

3. Inkululeko:

- Ilungelo lokuba nenkululeko yokuba nesazela, intetho nenkolelo;
- Ilungelo lokuba nenkululeko yokukhupha izimvo nokumanyana;

B. AMALUNGELO ABANTU ABOLUPHELEYO ABAHLALA KWINGINGQI ETHILE

1. Iinkonzo:

- Ilungelo lokhuselo kwingingqi leyo okanye uncedo xa singenako ukuzibonelela okanye abosapho lwethu;
- Ilungelo lokuthuthuzelwa nendawo yokuhlala eloxesha ulinde inkonzo zika wonke-wonke;
- Ilungelo lokufikelela nonyango kwindawo zamancedo empilo nokubuyiselwa kwimeko yesiqhelo ukuncedisa ukugcina okona kulunga komzimba nengqondo ephilileyo;

- Ukunikwa ubuncinane bamanzi simahla nombane nokufikelela isaphulelo semali sendlu ;
- Ilungelo lokuhlala kwindlu enokumelana nemozulu kumhlaba onoku hlala abantu;
- Ilungelo lokufumana umvuzo owaneleyo wokuthenga ukutya nendawo yokuhlala;
- Ilungelo lokuba nako ukufikelela ukuqabela isithuthi;
- Ukufikelela isitulo esinamavili komakhiwo bakawonke – woke nokunikwa amancedo ayimfuneko;
- Ilungelo lokufumana inkathalo ekhaya xa ungenakho kufuna inkathalo phandle eluntwini;
- Efanelekileyo inkathalo ekuhlaleni, kungakhathaliseki isimo sakho semali;
- Ukufikelela kwinkonzo zabahlali neenkonzo zomthetho xa zifunekayo kuquka uqeqesho lwenkqubo noku nika inkathalo kurhoxiso ukuba siyabakhathalela abanye.

2. Ukhuselelo:

- Ilungelo loku fumana ukhuselelo olupheleleyo lomthetho;
- Ilungelo lokukhuselwa ekusetyenzisweni, impatho embi, ubugebenga, ukutshutshisa, ukuphathwa kakubi ngokukhethwa;
- Ilungelo lokungakhutshwa ngaphandle komyalelo wenkundla;
- Ilungelo lokhuseleko kwindawo zokurhola umhlalaphantsi;
- Ilungelo lokungahluthwa indawo okanye izinto zakho ngaphandle kokuba zithathwe ngoko mthetho;
- Ilungelo lokunganyanzelwa ukuba uthathe umhlalaphantsi ngenxa nje yeminyaka;
- Ilungelo lokuba ube nempikiswano ngoko mthetho eza kulungiswa yinkantolo yomthetho isigqibo esilungileyo, ingxoxo eluntwini okanye kwikamara xa ufuna